

IMVO Zabantsundu

Authorized Medium for the Publication of Government Notices addressed to Natives throughout the Colony and the Territories.

IXABISO 3d.]

KING WILLIAM'S TOWN, NGO LWESI-TATU, DECEMBER 15, 1886

[No. 111

Isaziso ku Mamfengu.

LO ugama lisekele esi sa-
ziso, uvakalisa ukuba
ugelixa loku ceba lizayo, ulu-
ngiselele ukuba anike elona nani
longamele amanye ngo Boya.

Impahla kanjako iyakute-
ngwa ngemalana encinane xa
sukuba umntu eze eyipeti imali
kuzo zonke ivenkile zake kwela
Mamfengu.

Kwakona utengisa: Ingxowa
ezi 2,000 Zombona nge 4/, kusa
kwi 5/ imali ngengxowa.

THOS. MORIARTY.
5 August, 1886.

J. E. L. KULLING,
New Street, E-Rini,

Igqira elinyanga ngemiti yelilizwe.

LENDLU imiselwe ngokukodwa ukuba
ibe yeyo kusebenza nokunyanga nge-
miti embiwa kweli lizwe, enyanga zonke
izifo zamadoda neza Mankazana, nokuba
umntu simhla bumini nokuba sise gazini na.
Lemiciza yenziwa ngemiti yeli lizwe. No-
kuba umntu selelele ngendlu sisifo sokunga-
palazi iyasipilisa. Linokutumyelwa nge posi
xa umntu aliyalezileyo, Litenjwe kakulu

YIYANI KWA

E QONCE,

XA SUKUBA NIFUNA—

Izikonkwane—Into Zokusebenza
Imela ne Folokwe
Ikoyi—Ikumityi ne Pleti
I Lampi
Impahla Yendlu Yonke, njalo njalo

Kukwako imisesane YOKUTSHATA YE
GOLIDE, neye NGEJI ETSHIPU.

QONDISISANI!

Ngexesha lokutengiswa ko

BOYA.

Ikeleko

Ne Printi

Neminqwazi Yamadoda

Iswekile

Ne Kofu

No Mgubo

Zitengiswa ngama xabiso
apantsi kakulu.

Kutengwa yonke
_ into no Boya.

KWA

W. O, CARTER & Co.

Kwi Bala lika Makeleni,

E-QONCE.

ISIKUMBUZO.]

—U—

JOSEPH J. YATES,

OBEKE ESE BAYI,

Ngumteteleli Ematyaleni, ufeza ne-
micimbi engemihlaba, nento zonke
ezifezwa " nga magqweta."

IOFISI.—E CATHCART STREET, esiya
e ofisini yemantyi, ukungelene no Dreyfus.

JOHN J. IRVINE & CO.,
ISITORA ESITSHA,
Sengubo nobu Qeleqele
beza Mankazana,
E - Q O N C E .

Ezamadoda Ihempe, 1/- 1/3, 1/6 Ibhulukwe

ze Kodi, 5/- Eze Twidi ibhulukwe, 4/-

Ibatyi ze Twidi (iqukunjelwe yonke) 6/6

Eze Twidi i Suti, 16/9

Ikeleko, 2.5d.

I Printi (intlobo ezintsha) 3d.

I Linzi, 3.5d.

Ityali ezimnyama, 2/-

Alikazanga libeko elinjengeli icam.

QONDANI!

UKUBA lo ugama lingase zantsi umiselwe ukuba ngu Mteteleli we Marike
Oncedisayo, enikwe ne gunya loku tengisa zonke intlobo zempahla
ehambayo nezinqwelo kulo msito wase Qonce. Ngoko ke ucela abahlobo bake
abantsundu ukuba bazi zise kuye impahla zabo abatengisele. Uyakuhlala
esenza ngako konke ukuba abafumanisele elona xabiso lipezulu lase markeni.
Xa impahla ingatengwanga akusokubizwa nto, xa itengiyeyo imali yayo ifu-
maneka kwasemva kwe fandesi. Ngoko ke yiza, xelela nezihlobo zako ukuba
zizise mhlaumbi zitumele inkabi, nemazi, namatole, namahashe, negusha, ne
hangu, yonke into e Qonce ku

O. DONIAN,

Umteteleli Marike Oncedisayo.

Oyakuku nika nelona cebo lipilileyo lokutengisa ngokutya kwalo nge-
xabiso elipezulu le Marike.

Lesesha, Paula, Funda, uze Utyise.

XA abulela abaxasi bake abebetenga
kuye, lo ogama lingapantsi namhla
wenza isimemezo sokuba amalungiselelo
uwagqibile okufumana impahla evela e
Ngilane ize kuye ngenqu zonke inyanga.
Impahla yokuqala eyakufika ne nqanawa
yobalapa mayela pakati kuka August lo.
Kauze kuhlola. Ndinika amaxabiso awona
makulu nge Mveliso yeli lizwe enjengo boya
nokutya njalo njalo kuba ndiya kuyitumela
e Ngilane ngokwam.

P. H. POTTOR.

E Jojosi, July 27, 1886.

THOS. H. COPELA ND,

BATHURST STREET,
E-RINI

Uhlala aba neyona mpahla ininzi enjenge

**NGUBO ZENTLOBO ZONKE
AMAFELANE**

NE NGCAWA

Engagqitwa nayiyipina apa e Koloni ngobuhle.

Yena utengisa ngenani eli linganayo ko Ntsundu nako
mhlope.

Kwabo bafuna Into ezintsha
ezintle!

Buzani kuzo zonke ivenkile enime-
lene nazo impahla engaba ziyi tunyelwa.
sisitora sakwa

Aluveni, esise Qonce

YIYANI NONKE UKUYA KUBONA

INGUBO

IMINQWAZI

IHEMPE

IZIHLANGU

IZIKAFU NEZIGUBUNGELO

ITYALI

IPRINTI

IZITOFU ZOKUNXIBA

Nezinye into ezininzi kakulu ukuba
zikankanywe.

Indlu eseitunyelwa kuzo lempahla zezo

YUZI .. Egcuwa Nakwa-

Ndabakazi HEDENI .. Emtata

Kuzakuvulwa ivenkile eyofunyanwa
kuyo impahla epuma kwisitora sakwa
Aluveni ku Lubisi Ebatenjini (Southey-
ville).

Into yonke etengiswa kwezindawo itshipu intle kanye.

Kunikwa amaxabiso alungileyo kanye kwezindawo
zikankanywayo ngayo yonke into etengiswayo
ngabantsundu enjengokudla, ne- zikumba njalo njalo.

JOHN J. IRVINE & CO.

GEO. B. CHRISTIAN & CO.

KEEP WELL-ASSORTED STOCKS OF

Hardware and Ironmongery,

BUILDING MATERIAL,

Groceries & Oilmen's Stores,

BRUSHWABE,

PAINTS, OILS. AND VARNISHES,

Pots—Kafir Hoes —Red Ochre—Cutlery, &c.—
for Native Trade.

ROUGH GOODS OF ALL KINDS.

GEO. B. CHRISTIAN & CO.

ISISULU SE NGUBO

MADODA NEZA MANKAZANA KWA GIBBERD NO BRYANT, E QONCE.

Ezamankazana

Ezamadoda.

Ihempe Ezimhlope, ziqala 3/6 Ihempe ze Printi
Ihempe Ezomeleleyo, ziqala 1/ Ihempe ze Fleneli
Iminqwazi etambileyo, iqala 2/ Iminqwazi ye Twidi, iqala 10.5d
Ibhulukwe ezomeleleyo zekodi
Ibhulukwe ze Twidi, ziqala 5 Ibatyi ezimnyama ezilungileyo 15/ Ikolala namaqina
Amaqosha azizitadi nawe zihlahla Ibhulukwe. nehanti, nehemphe, neminqwazana ye Bhola.
Imiqulu eyomeleleyo yehempe 4d.

ISUTI ZOKU TSHATA

ILOKWE ZOKU TSHATA, ziqala kwi 20/- ISETINI
EMHLOPE ne SETINA EMHLOPE

GIBBERD NO BRYANT.

Inyama ne Zonka,

Nento ezinjenge kofu ne swekile zitengeni ko

ROURKE NO MARSH,

e Nyutawuni nakwisitalato esipambi
kwe ofisi ngase mcancatweni.

Iholide ze Krismas ne Nyibidala, 1886-7

UMNTU wohlaula ixabiso lehambo yokusinga paya kodwa, ngokuya nokubuya ukusuka kuzo zonke izitishi, kuqala ngolwesi-Tatu 22 December de kube ngom-Gqibelo 25 December 1886; nangolwesi-Tatu 29 December 1886 de kube ngolo-Mvulo 3 January 1887, angati umntu abuye ngalotikiti ngo-Mvulo 31 January 1887 ukuba uyatanda.
Ukwenzela abahambi kuya kubaleka i Treni ezininzi nge Holidi. Lesa kumapekepeke ancanyatiselweyo.

T. R. PRICE, Umpatiswa.

Kwi Office Ezinkulu e Monti,
December, 1886.

UNGA UNGAGCINA IMALI NA?

Ukuba kunjalo zitenge ingubo zako kwa

63, BATHURST STREET,
E RINI.

I SUTI ziqala kwi 18/6. Ibhulukwe ziqala kwi 5/6; Ibhathi kwi 7/6; Ihempe kwi 17/, njalo njalo, kuzo zonke izinto zalendlu.
U BROOKS utengisa ngezona suti zobu jentilmane ezomeleleyo, ezenziwe ngomyalelo ngabasiki base London. Qiniseka ukuba ziyaku kuhlala—ziqala kwi 40/; Ibhulukwe 12/6. Amakulukulu entlobo ngentlobo onganula kuzo.

Xa umntu aye kusika ushiya 10/- angati ayifumane kwakona ukuba ingubo azimkolisanga.

W. BROOKS & CO.,

Abatengisi bengubo zokunxiba,
E RINI

IMPAHLA ENTSHA.

KUSAND' UKUFUKA KWA

PASCOE

ITYALI ZETU ZOBOYA, zitsala igazi.
ITYALI ZETU EZILUFIPA, zipandla ilanga.
INGUBO ZOMTSHATO EZENZIWE kakuhle.

Kwa nentyantambo nezigqubutelo ngamaxabiso apantsi kanye.
INGUBO ZOKUTSHATA! ZEKABA ZIYASIKWA ZITUNGWE.
IKELEKO, ILINZI, IPRINTI. INTLOBONTLOBO ZE-
LOKWE ZIKWAKO.

BANTU ABANTSUNDU

Lempahla iyakwenza intliziyo zenu zibete, Yizani kutyebisa amehlo

Paulani amagama ka PASCOE AMADODA ati
ngu SIGINGQI. ABAFAZI bati ngu SILINDI. UMTEKETISO
ngu FOLOCOKO.

Iveki.

UYACELWA wonke umzi ukuba ulinge kwangalenyanga uyifinyezele ekupeleni kuka December lo imali yepepa. Nentwana encinane iya-kwamkelwa.

IBHULU eligama lingu Operman e Batenji- ni (kwa Gcina) liqeshe inqwelo ka Piet Ralan lisiti lisa umtvalo e Alvani. Alibuyanga libuye. Kuvakala ukuba lirunele e Transvaal.

KUSAND' ukubulawa ingcuka e Ncera kwe-sika Mabandla. Akwaziwa ukuba ingaba ivela pina.

SIVA ukuba umbona welilizwe utengwa kunene ngoku e London kwela Mangesi. Ufanelwa ukudlisa amahashe. Uyaqala ngoku ukusiwa kwelo umbona.

AKUKAFUNYANWA nto kwa Centane naku-beni sekuko ikulu labantu elisebenzayo.

“ N. N. MAMFENGWINI ” akusitumelanga elona gama lakho : ngokoke asinakuyisa so inteto yako.

U MR. ROSE-INNES, Jr., M.L.A., uzimisele ukuba aze abe nentlanganiso nomzi ontsu- ndu Engqushwa ngolwesi-Tatu, 29 December lo.

AMADODA anosapo maze ati aku- fika e Rini ake amndwendwele u Mr. Thos. H. Capeland aya kuzifumana busulu ingcawa, namafelane, namabhayi, njalo-njalo.

OMNYE wezidlwengu ezihamba zibamba abelungakazi e Natal ubanjwe wakatswa kunene ngabelungu belozwe, afike amadindala seledatyalalisiwe. Uyagula kakulu zezo zivubeko. Ube mbambe ekitshini lowo mlungakazi.

INKANGA icumile kakulu nonyakanje asazi nokuba ixela indyabo nokuba ixela ilanga kusinina, kodwa yinto edla ngokuba lupawu lokubalela okokulu. Empahleni ayinamse-benzi kuba aziyityi nebhokwe zonanto zitya yonke imiti.

LIXOLIWE pakati ko Rulumente nama Mpondo kungaliwanga.

LOMHLA kwakutetwa zikulu zase Mampodweni no Rulumente kwabonwa amawaka amahlanu empi emdeui wela Besutu ixhobe yagqibelela. Bebuziwe bate bayazingela, kutsho ucingo ; siti tina kubonwe isanga.

I PALAMENTE yase Ngilane iyakudibana ngomhla we 13 ku January 1887

IXA lokuvuna ingqolowa, netapile, nehabile, nerasi selingene. Ngati nonyaka nje Inqushwa iyakusukelana nengqolowa zase Bhatisi nezase Mnyameni. Ngase Komani e Batenjini kuko umlungu ovune izitungu zengqolowa ezingamawaka angamashumi asibhozo (80.000). Pesheya kwe Nciba nakwa Gcaleka kuhleliwe emitunzini kuba kaloku azilinywa ingqolowa.

WAYA pina u Mandi Cele, lento sesifikelwa yincwadi evela e Kapa isiti atunyelwe kona amapepa ake kuba ade amaninzi eposi- ni engayi kuwatabata ? Pofu ngomnye wabantu ababhatala kakuhle apa kwi Mvo. Simqibele ese Dodoloro.

NIJENGOKUBA ikaba lisiya e Rini entlanganisweni ngo January, elifuna ukutenga, mhlambi ukusikela maze lingamlibali u Mr. Brooks & Co., owenza into efunwa yintliziyo yomntu.

U CORPORAL PIERS we kampi ese Staal Klip eba Tenjini ute xa akwelayo esiya e Sidutyini walitsibisa ihashe eludongeni lwesoyi, laya kuwa naye wapuka ingalo nexhadi lentamo, lite lifika igqira waye seleqakile ngom-Gqibelo ongapaya kodlulileyo.

KWA-DALIWE udodana lumise intlanganiso ekutiya yi “ Ntlanganiso ye Lungelo le Mvo.” Ngati kuti awaposisile. Epete i Koloni nje namhla Ama-Bhulu aqale ngokumisa intlanganiso zokuxhasa amapepa ayimilomo ya- wo. Asinantisaba namhla sokungenisa ingxelo yalentslanganiso ebiko ngo Mgqibelo oqgitileyo.

MAWASINCEDE amawetu ayitumele ngazo ezintsuku—ungekapeli unyaka—imali ye Mvo.

UMNTU ngamnye owaziyo ukuba ulifumana ngesikwelitli elipepa le Mvo ngumbulali walo.

NGEVEKI ipelileyo abe mabini amatyala okuqaula imitshato pambi kwe jaji zase Rini. Elinye leluka Mrs. Bowles wangapaya kwe Rini obe mangalele indoda wavunyelwa nga matyala; elinye ibe leluka Mr. Eaton obe mangalele umfazi wake ngo rexezo wavunyelwa naye ngama tyala.

INDLU ka Gavin yokutata imifanekiso e Mossel Bay isheyapela ngumlilo ngolwesi Ne olugqitileyo.

SIVA ukuba e Rini kulungiselelwa umvu- mo oya kwenzelwa intlanganiso yo Manyano Ngemfundo ngobusuku bolwesi Bini ngomhla we 4 ku January 1886.

Kwi ncwadi yalo nyaka enama gama abanyuli base Dodoloro nase batenjini inani labantsundu linga pezulu kwaba mhlope. Kwada kwalunga, mhla kunyulwayo nizi kupe izilere ezo, ninyule amadoda ase nyongweni kuni.

KUKO umlungu wase Dayimani ojikeleza kweli lizwe ufuna amakulu amatatu amadoda ukuba awa kontileke aye kusebenza kwe- lozwe. Aya kunikwa iponti ngeveki avukelise ukutya asebenze ingubo zakona zokunxiba nezokulala. Selefumene ama shumi amahlanu amadoda.

U HON. MR. BROWNLEE ufumene olunye uswazi kwinto ka Innes le iligqweta apa ngenxa yokulinga kwake ukulahlekisa Amangesi

no Rulumente kulento yama Mpondo. Ipepa lase Cawa elinteto siyibonakalisa ku Manqaku lirole ese mvubu isabhokwe elimxatula ngaso, kuba ubengati ngumhlobo kanti ngu “ Kaka-ka-mpetu.”

ESITETWENI no Rulumente inkosi ebeziko za Mampondo ngo Sigcawu, Masepula, Umhlangaso, Manundu, no Matoza, zihamba no mfundisi u Hagile (Rev. P. Hergreaves). Umqikela akabangako ngenxa yokungapili. Ide yapela yonke inteto engeko.

ABAFUYI begusha sasibavuse kwango September sati noko ixabiso loboya lipezulu nje liya kuhla emva kuka November. Okunene ihlile lonto, ngoku buhlile kakulu.

U REV. R. W. LEWIS obesakuba se Mnceba kwesika Diko Emampondweni use Mkaniso ngoku ugxotwe zipitipiti ezi zikoyo kwindawo yake.

IGCUDWANA elamkela Imvo e Katikati liya bukeka kuba alinamatyala kwelipepa kuyabonakala ukuba lawo madoda azimisele ukuwa evuka nesi sibanana sizi Mvo Zabantsundu.

ESIYA sikitshana sanduluka e Natal sisiya e Ngilane namadoda amatatu asizanga siye kufika. Kutiva kuko esibonwe sidada elwandle sibhukuqekile e Bhayini lase Biscay e France. Azi ukuba sisi eso masibe sapeqeka kukulwa kolwandle.

IMVULA ine kakulu e Barberton kwele Golide.

IMVO ZABANTSUNDU

NGOLWESI-TATU, DEC. 15. 1886.

LIXOLIWE pakati ko Rulumente na Mampondo. Sitandaze- la ukunga olo luxolo lunga lolwapa- kade. Bezidibene ngomhla we si- bhozo izikulu zamacala omabini okokuba kuvisiswane ngezindawo : eyokuqala, ukungenelwa kwezwe la- ma Xesibe, ate ukuyipendula Unkosi MHLANGASO ngama Xesibe awaqala- lwa ukuwel’ umda angenela elama Mpondo, nakuba Amampondo a- pndezelayo ayenza lonto ngasele ko MQIKELA. Itike lo Nkulu yase Mampondweni yamqinisekisa u Ru- lumente ukuba emva koku akusoku- buye kubeko kungenelwa kwezwe lama Xesibe. Ufanelwe kubulelwa u Rulumente kuba engalinyanzela- nga elazwi lokuba makurolwe isita- bataba ngenxa yeso senzo; mhlai- mbi ugweywe sisazelo salanteto ka NDABENI yokuba lenkatozo iyenziwa nangabantu becala letu— ngoku- “ kodwa ama Bhaca abengeva noku- “tintelwa zimantyi.” Amampondo aliyekela u Rulumente elama Xesi- be. avuma ukubataba iwaka leponi (£1,000) ngalowo mhlabha.

Eyesibini indawo ekutetwe ngayo yeyokuba mazivulwe indlela kwela Mampondo, ate ukupendula UMHLA- NGASO ziyakusiswa zonke itola ne- ndlela zivulwe, kodwa ke kufuneka u Rulumente emana ukuzilungisa encedisana nama Mpondo.

Eyesitatu, kutetwe nge Rode lika WM. NOTA ukuba u Rulu- mente esiti ufuna ukuba libe lelake. Ute u Rulumente wowanika amaku- lu amatandatu eponi (£600) Ama- mpondo ukuwutenga lowo mhlabha avuma. I Rode eli beseluliviko emzimbeni ku Mampondo, afanelwe kuzincoma ukuba ete ukwahlukana nalo angenelwa nga- makulu amatandatu eponi. Siya vuya kunjako no WILLIAM NOTA kuba upumelele umqweno wake wokuba pantsi ko Rulumente.

Ngecweba lo Mzimvubu kugqi- tywe kwelokuba libe leluka Rulume- nte aze wona Amampondo amane esamkela amakulu amabini eponi (£200) ngomnyaka ku Rulumente.

Kuza kumiswa Igosa ngama Mpo- ndo emdeni libe ligosa aya kukolwa lilo no Rulumente, lokuti xa kuko umkondo wempahla ebiweyo usiwe kulo, libe lilo elinegunya lokuwuni- kela kumapolisa aza kuba semdeni. Asimangaliswa kukuva ukuba inkosi zama Mpondo ebezibhala amagama azo kulomnqopiso mtsha zite “ ziya “ kolwa kakulu nguwo.” Kuba isi- zwe sama Mpondo besise mngcipe- kweni wokutshabalala ibe lipam.

Sikumbula ukuba kwati mhla kwadibana u HERODI no PILATI ba- zizihlobo kwaxhelwa oyi Ngwele. Ukutsho besimangaliswe kakulu ukude ingonyama eyi Star ne Watch- man ilale ndawonye nexwana eliyi Argus zezikokelwe ngu Mr. BROWN- LEE ukuzisa emfazweni yentimbo

yomhlaba nama xhoba nokuya ku- tyumza Amampondo.

Kubonakala u Rulumente ngoku- buduza kwake ukunyusa imikosi nokwaneka inteto yesigqiba ubekolwa kunene kuvana kwe Argus ne ne Watchman, kodwa zona zimvo zabantu ezibonakele kwi nkoliso ye koranti zelizwe ziyichase imfazwe ngangokuba lawo ma-tshantliziyo matatu afumane awa- ginye okanye enze umlozi awabeti- se umoya amazwi awo.

Sincoma ngomxhelo wonke u Ru- lumente kuba efumene iroba lokuroxa kakuhle kulemfazwe inje ukungcola nokungafuneki kwayo. Kutiva kuyo yonke lonteto ibeko Amampondo akabanga ntamo zilukuni; ukuba lonto ibangwe ngamacebo abafundisi ekute ngenxa yawo wapatwa kakubi kakulu u Rev. Dr. STEWART yi Star ne Watchman, lawo mapepa makambulele okanye makacele uxolo ku GQIRA. Tina okukokwetu umsebenzi wabafundisi siwazela ungonceda macala onke, ute wakungenelwa ngolohlobo sati kuqutywa ububhanxa.

Xa sikangeleyo izimeko zezinto ngoku lomnqopiso wenziweyo ulilu- ngelo kuma Mpondo, siyatamba ke owugqalisisa kakulu ukuwugcina. Kufuneka bati beyenza lonto babe nabo ngokwabo bezirariya balinge ukuhamba kwynto nokukanya nehambiselo pambili kunye zokanyo. Ubunyama abunakumelana nokukanya. Mabalivule ilizwe labo kuzenge abafundisi. kanjako bayiku- taze imfundo. Ukuba banokula- mkela icebo letu siti le mali baza kumana beyifumana ku Rulumente ngebexhasa izikolo ngayo. Le Semnari yase Cumngce ngeyiba yeyesizwe sama Mpondo, Abesutu baneyabo bodwa e Morija. Ama Mpondo makatabate umzekelo kolo melwane lwabo, kungenzeka ukuba bangahlala besizwe esizimele sodwa, kude nalenkatozo yalo Rulumente wase Kapa ungu Nqapela- Ndikule.

AMANQAKU

NIJENGOKUBA lixoliswe nje pakati ka Rulumente nama Mpondo ngendlela encomekayo ngaku Rulumente ngati koba luvuyo kubafundi betu ukuya umpunga woluvo lwamapepa (ikoranti) ngale ngxoko. I Cape Argus efane yati phetu bumini esimilweni sayo yangu malitsho ibadanisile abantu abamnyama nezihlobo ezitanda ubulungisa nokuti tye. Ifike xa iteta ngokulungiswa kwalento yenze inteto etshabisayo nenyelisayo, iti:—“Fan’ ukuba izakunconywa i Koloni ngenxa yokuba nendawo zokuvana nama Mpondo eziyisindise emfazweni; kodwa akusokuvakala kunconywa kakulu xa u Rulu mente ete ruru ipepa letyala elibeka pambi kwe Palamente, ityala elenziwe kukubhatala nokutyisa leva mikosi yabantu abamnyama ebise mdeni iveki ezitile, elotyala ngati liyakuba kumanani amane. Ukuba u Rulumente wayesazi ukuba uya kumana evuma yonke into wayenanina akuvuma kwakude pambi kwayo yonke lenkatozo. Kodwa selenguvuma-zonke nje kungenelwe umhlaba wase Koloni akwarolwa sitabataba, akwahlau- lwa nendleko zaleywa mikosi ebiselwe ukubazisa ezingqondweni zabo, kufumane kwaiwa kuhliswa igama nobunga- ngamsha bohlanga olumhlope abetete ngabo u Sir Gordon Sprigg oko ebese Ngilane...Sibona onke amapepa ase Koloni evuma umhobe omnye woxolo nokuba sekunjani, into esingazanga siyive kokwetu ukukumbula. Ukuba lenguquleko yenziwa yinceba yokwazalela amalungelo abantsundu besingavuyayo, kodwa sikolwa ukuba fumane bubudenge nje bokungazi, xa unjalo ke umoya wesizwe ngoku, mhlambi kolunga ukuba ungancinwa kakulu, kodwa ke masingafundekelwa kakulu ngenqubo yetu.” Ukulokoma kwalenteto ingasentla xa uyifundayo ungade uti veye Star; kanti pezu koku kutiva masikolwe ukuba i Argus ayikashenxi kumaqondo enqubo yayo endala.

